# UTemo namasela ezityalo

Libali likaKgosi Kgosi
Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink noLeo Daly
Liguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

UTemo wayeyintombazana encinane ekrelekrele eyayihlala kwilali yaseQunu. Wayekuthanda ukuya esikolweni nokufunda izinto ezintsha.

Ngenye imini esikolweni, iklasi yakhe yafunda ngokutyala nokukhulisa imifuno. UTemo wayethabathekile ngulo mbono kangangokuba wayengxamele ukugoduka ayokubalisela abazali bakhe ngale nto.

*NKQENKQENKQE!* Yakhala intsimbi yokugqibela yokuphuma kwesikolo baza bonke abantwana bagilana ukuphuma kumagumbi abo okufundela begoduka.

Xa efika ekhaya uTemo, umama notata wakhe babesekhitshini bephunga iti.

"Molo, Mama. Molo, Tata," watsho njengoko engena ekhitshini.

"Molo, Temo," baphendula batsho abazali bakhe.

"Belunjani usuku lwakho esikolweni namhlanje?" wabuza umama wakhe.

"Beluluhle! Ndifunde into enomdla kakhulu," waphendula uTemo enemincili logama esiya ngasegumbini lakhe lokulala.

Abazali bakaTemo bathi nqa ukuba intombi yabo ithetha ngantoni, kodwa phambi kokuba bamcele ukuba achaze, wayesele ethe shwaka.

Kwigumbi lakhe lokulala, uTemo wakhulula iyunifom yesikolo wanxiba ezinye iimpahla zakhe. Kodwa ezi yayingezizo ezi azinxiba mihla yonke. Wanxiba iovaroli, iigambhutsi kunye nomnqwazi.

UTemo wabuyela ekhitshini. "Ndim-lo! Mama noTata, jongani!" watsho.

Abazali bakhe babemangalisiwe kakhulu. UTemo wayesoloko engafuni kwenza misetyenzana ekhaya, ngoko ke kwakutheni ngesiquphe wanxiba iimpahla zokusebenza?

"Kutheni unxibe ngolo hlobo, Temo?" wabuza utata wakhe.


"Kuba ndifuna ukuqalisa ukutyala eyam imifuno, Tata," watsho enemincili.

"Ngoku ke, ufuna ukuba nesitiya esisesakho semifuno apha ekhaya?" wabuza umama wakhe.

"Ewe, Mama," waphendula watsho uTemo.

Abazali bakaTemo bajongana bekhwankqisiwe ukuba uTemo wayeza kukwazi njani ukulondoloza isitiya xa wayekhalazela ukwenza imisetyenzana elula enjengokubenzela iti. Kodwa bagqiba kwelokuba bamthembe noko kunjalo.

.





Beka amabali phambili esikolweni sakho
Story powered schools

Ngoko ke uTemo notata wakhe baphuma phandle baza bakhetha umhlatyana kwiyadi yabo apho uTemo wayenokuqalisa isitiya sakhe. Waza utata kaTemo wangena endlwini ukuyokutshintshela kwi-ovaroli.


Okokuqala, uTemo noyise basebenzisa ifolokhwe yokumba ukupeta umhlaba ababewukhethile. Oku kwanceda ukwenza ukuba umhlaba uthambele ukutyala imbewu. Kwanceda nokuxegisa ukhula olungafunekiyo namatyana aphantsi komhlaba. Okulandelayo, barhugula lonke ukhula olungafunekiyo kwakunye namatyana asemhlabeni. UTemo notata wakhe balufaka lonke ukhula kwiingxowa ezinkulu zeplastikhi baza bazilahla kwimigqomo yenkunkuma.



Ngosuku olulandelayo akubuya esikolweni uTemo, wakhawuleza watshintsha iyunifom yakhe yesikolo waza wangena esitiyeni notata wakhe. Utata wakhe wayethenge imbewu ababeza kuyityala. Baza batyala, batyala! Batyala imbewu yesipinashi, eyeminqathe, eyetumato neyeembotyi. Waza uTemo wawunkcenkceshela umhlaba ukuncedisa imbewu ukuba ikhule. Yonke imihla ukusukela ngoko, uTemo wayekuthakazelela qho ukugoduka ukuze ankcenkceshele isitiya sakhe.

Kodwa yayikhona ingxakana: xa kwakungekho mntu ujongileyo, izilwanyana zaziqalisa ukutya izityalo zemifuno zikaTemo!

Ngenye imini, xa wayefika ekhaya evela esikolweni, uTemo wafumana iibhokhwe zisitya esitiyeni sakhe. Wazigxotha waza wabaleka wangena endlwini.



Mama! Tata! Iibhokhwe zitya izityalo zam. Kutheni ningazigadanga nje?" watsho, elila.

"Uxolo Temo," waxolisa watsho utata wakhe. "UMama nam besisathe ngqwa. Masiphume sibone ukuba singenza ntoni na."


Ngoko ke baya esitiyeni. Ongakanani wona umonakalo ezaziwenzile iibhokhwe! Kodwa okuxolisayo yindawo nje encinane yesitiya eyayonakalisiwe.

"Masisibiyele isitiya, Tata," wacebisa watsho uTemo.

"Ngumbono omhle lowo!" waphendula uTata.

Ngoko ke uTemo notata wakhe basibiyela isitiya ukuze iibhokhwe zingabi nakuphinda zingene.

Ngosuku olulandelayo xa uTemo wayevela esikolweni, wafika iinkomo zisitya izityalo zakhe. Iinkomo zazikrelekrele ngokwaneleyo ukuba zivule isango lesitiya ngeempondo zazo.



UTemo wazama ukuzigxotha iinkomo, kodwa yaba nye nje inkomo eneempondo ezinkulu nezitsolo, eyamjonga waza woyika! Iinkomo zazikhangeleka zinkulu kakhulu! Ngoko ke wabaleka wangena endlwini.

"Mama! Tata! Kweli ityeli ziinkomo ezitya izityalo zam," watsho.

UTemo notata wakhe baphuma phandle baza bafumana iinkomo zisitya esitiyeni sikaTemo. Utata wakhe wazigxotha.

"Tata, kutheni singalitshixi ngeqhaga nje isango?" wacebisa watsho uTemo. "Ngolo hlobo iinkomo azizukwazi ukuvula isango kwakhona."

Utata wakhe wacinga ukuba ngumbono omhle lowo baza bahamba baya kuthenga iqhaga balitshixa isango.

Ngosuku olulandelayo xa uTemo evela esikolweni, zange afumane zibhokhwe, zange afumane zinkomo, kodwa wafumana iintaka zisitya izityalo esitiyeni sakhe! Wazigxotha waza wabaleka ukuya kuxelela abazali bakhe.

"Mama! Tata! Ngoku ziintaka ezitya izityalo zam zemifuno," wakhala.

Utata kaTemo waphuma phandle noTemo ukuya kubona ukuba yintoni ingxaki

"Andazi ukuba mandenze ntoni ngoku, Temo," watsho utata wakhe esonwaya intloko ecinga nzulu.

"Ndiyayazi into esinokuyenza," watsho uTemo ngokukhawuleza. "Singogquma isitiya ngomnantha, ukuze iintaka zingakwazi ukufikelela ezityalweni."

Yaye uTemo wayechanile! Zange aphinde abe nokukhathazeka kwakhona zizilwanyana ezitya izityalo esitiyeni sakhe. Akukho zibhokhwe zazinokungena, nazinkomo zazinokungena yaye neentaka zazingena kungena.

Izityalo esitiyeni sakhe zakhula, zakhula, yaye ngokukhawuleza imifuno yakulungela ukukhiwa! Umama kaTemo wapheka isophi enencasa yeembotyi, iminqathe, isipinatshi neetumato baza bonke bonwabela isidlo esasiphuma kwisitiya sikaTemo.



Qhubeka ufunde! Ukuba ulonwabele eli bali, ungalibali ukuya kwiwebhusayithi yethu (www.nalibali.org) ukuze ufumane ingqokelela yamabali ASIMAHLA abantwana.

# Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcebiso onokuzisebenzisa kwibali elikwiphepha loku-1 kuye kwele-3 nabantwana eklasini yakho na-/okanye kwiklabhu yokufunda. Khetha iingcebiso ezilungelana neminyaka nemidla yabantwana.

- Phambi kokuba ulifunde ibali, cela abantwana ukuba babelane ngamava wabo okukhulisa izityalo. Bakhuthaze ukuba bacinge ngeengxaki zaxa uzama ukukhulisa izityalo baze bacebise ukuba bangahlangabezana njani nezi ngxaki.
- Emva kokufunda ibali, mema abantwana ukuba basebenze bengamaqela ukulinganisa ityala elisezinkundleni zamatyala apho iibhokhwe, iinkomo neentaka kufuneka zichazele ijaji ukuba kutheni zitye izityalo zikaTemo. Kwiqela ngalinye, abantwana kufuneka bathathe isigqibo sokuba ngubani oza kudlala indawo kaTemo, ijaji, iibhokhwe, iinkomo neentaka. Ijaji ibiza iqela ngalinye lezilwanyana ithi, "Umangalelwa ngokutya izityalo zikaTemo! Unetyala nokuba awunatyala? Chaza okwenzekileyo." Izilwanyana zichaza ibali ngokokulazi kwazo aze noTemo amenywe ukuba achaze elakhe ibali. Emva kokuba bonke bechaze ibali labo, ijaji kufuneka ithathe isigqibo sokuba izilwanyana ziza kuyibuyekeza njani into eziyenzileyo.
- Mema abantwana ukuba benze iiposta ezibhalwe "Abafunwayo" nezibonisa iibhokhwe, iinkomo neentaka. Qalani ngokuxoxa gabalala nabantwana ngamagama anokusetyenziswa ukuchaza isilwanyana ngasinye. (Wabhaleni ebhodini okanye kwiphepha elikhulu njengoko abantwana bewacebisa.) Abantwana mabawasebenzise besebenza bezizibini okanye bengamaqela ukubhala inkcazelo emfutshane yesilwanyana ngasinye nokuzoba umzobo waso ngasinye
- Hlupheza imifanekiso ngqondweni yabantwana ngokubacela ukuba bachaze esona sityalo singaqhelekanga abacinga ukusikhulisa, baze bachaze ukuba singasetyenziswa njani. Umzekelo, "Ndingathanda ukukhulisa isityalo esineencwadi kuso endaweni yamagqabi, ukuze ndikhethe incwadi entsha yokufunda nanini na." Okanye, "Ndingathanda ukukhulisa isityalo esinamagqabi amsobo nesinentshungama emsobo. Ibala elimsobo lelona ndilithandayo, yaye intshungama yeyona lekese ndiyithandayo, ngoko ke ndawusoloko ndinezinto endizithandayo kufutshane!"

# Malunga neprojekthi yeStory Powered Schools

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda.

IStory Powered Schools liphulo eliyimvelatanci lenkqubo ezisa indlela yokuphuhlisa ilitheresi yephulo likaNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa kwizikolo zasemaphandleni ezikwiphondo laseMpuma Koloni nelaKwaZulu-Natala. Eli phulo liqinisekiswe liSebe lezeMfundo, yaze inkxaso-mali yokulixuma yanikezelwa yiUnited States Agency for International Development (iUSAID).

Izikolo ezithatha inxaxhela kwiprojekthi yeStory Powered Schools zizimisele ukuvuselela oko abafundi banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Zisebenzisa amandla amabali ukukhuthaza abafundi ukuba bafune ukufunda nokubhala.



basic education
Department: Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation

USAID
LUPHUMA KULUNTU LWAMAMELIKA

Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...